

Inombolo yefayili: 12/2/R
Isalathiso: 20240131-1353

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loPhando: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo.

Isishwankathelo esifutshane: *Ukukhutshwa kweZiphumo zeProgram yoVavanyo yeNkqubo yeMfundo yeSebe i-WCED zango-2023 kumaBakala 3, 6 no-9.*

Isihloko: Ukukhutshwa kweZiphumo zeProgram yoVavanyo yeNkqubo yeMfundo yeSebe i-WCED zango-2023 kumaBakala 3, 6 no-9

1. Ngo-Oktobha 2023, iSebe lemfundo leNtshona Koloni liqhube iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo kwiMathematika nakwiiLwimi kubafundi bamaBakala 3, 6 no-9.
2. Iziphumo ziya kufumaneka kwi-CEMIS ukusuka ngomhla we 09 Februwari 2023. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zizifumane iziphumo zazo ngokukhawuleza ukwenzela ukuba zizibandakanye kwiziCwangciso zoKuphucula izikolo zazo.
3. Iingxelo eziya ezikolweni zinika iireyithi zokupasa namanqaku angumndilili azuzwe sisikolo ngasinye, ziphinde kwakhona zibonise indlela ekuqhutywe ngayo kwiinkalo zezifundo ezithile kuLwimi nakwiMathematika.
4. Iingxelo zikwabandakanya nengxelo ii-*diagnostic reports* ezenza iqondeke kakuhle indlela abaqhuba ngayo abafundi ngokwemigangatho yovavanyo emiselweyo.
5. Iingxelo zezikolo neengxelo ii-*diagnostic reports* ziyafumaneka kwi-CEMIS yaye zinokufunyanwa ngolu hlobo lulandelayo:
 - Khetha i-ayithem yemenyu "Assessment and Exams" uze ukhethe u-"Systemic Testing Programme Results 2023". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo:
 - KwiBakala 3, khetha "Grade 3 Results 2023". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report, Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.

wcedonline.westerncape.gov.za

Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47

Western Cape Education Department

- KwiBakala 6, khetha "Grade 6 Results 2023". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report, Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.
- KwiBakala 9, khetha "Grade 9 Results 2023". Kwi-drop-down menu, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report, Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.

6. Kumele ukuvela le ngcaciso ikhutshelweyo (*downloaded*) kwiskrini.
- Ukuba ingcaciso ayiveli, yiya kwi-menu bar phezulu uze ukhethe u-"Tools". Emva koko khetha u-"Pop-up Blocker", uze ukhethe u-"Turn-off Pop-up Blocker" uklikhe.
 - Kwakugqitywa oku, khetha libe linye kula mabakala ukujonga iziphumo.
7. Malunga nayo nayiphi imibuzo ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane, kucelwa uqhagamshelane negosa elijongene nesithili sakho njengoko kucacisiweyo kule theyibhile ingezantsi:

Umntu emakuqhagamshelwane naye	Isithili
Mnu Meshack Kanzi, inombolo yefoni 021 467 2350 Meshack.Kanzi@westerncape.gov.za	Metro North
	Metro East
	Cape Winelands
	Overberg
Mnu Vumile Nyalashe, inombolo yefoni 021 467 9350 Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za	Metro Central
	Metro South
	West Coast
	Eden and Central Karoo
	Izikolo ezizimeleyo

8. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-02-08